



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

## **ISIGABA ESIPHEZULU**

**IBANGA LESI -9**

**EYENKANGA 2018**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2  
MEMORANDAM**

**AMANQAKU: 50**

---

Le memorandam inamaphepha asi-7.

---

**ICANDELO A: ISICATSHULWA****UMBUZO 1**

- 1.1 Kukuhleka√ / yintsini.√ (1)
- 1.2 Kulindeleke impendulo exhomekeke kumfundi  
(akanikwa nqaku xa ethe luluvo /yinyani unikwa inqaku xa ezixhasile)  
Angathi yinyani. AmaXhosa ngabantu abakholelwa kumasiko xa  
bengawenzanga bakholelwa ukuba izinto zabo azihambi kakuhle.√√  
Luluvo, asingamaXhosa onke aneenkolo, imfundo/ukhanyo yayiphelisa lo  
nto.√√  
Nayiphi impendulo esemxholweni enokuza nomfundi iya kwamkeleka. (2)
- 1.3 Ngekulawula uxolo√ (1)
- 1.4 Iminyango√ (1)
- 1.5 Ubunjani bomntu ngaphakathi bubonakala ngaphandle ebusweni. √√ (2)
- 1.6 Ubutyebi ngeentlanti√  
Ubutyebi ngeepokotho√  
Ukutyeba ngabantu√  
Ukutyeba ngokwasemphefumleni√  
[naziphi iindididi zobutyebi ezimbini kwezi zikhankanywe ngasentla  
zakwamkeleka.] (1 x 2) (2)
- 1.7 Kuthetha ukuba nemfuyo eninzi/ ukuba neegusha /iibhokwe/ iinkomo  
ezininzi.√√ (2)
- 1.8 Impendulo ixhomekeke kumfundi akhethe udidi lobutyebi azixhase  
ngokufanelekileyo√√ (2)
- 1.9 Yinyani. Lo nto ibenza bathenge izinto ebezingakhange zibe ziziimfuneko  
ngelo xesha√. (1)
- 1.10 Udliwano-ndlebe √√ (2)
- 1.11 Ukumila kakuhle/ ubukrele-krele/ukuzithemba xa uhamba.  
Umfundi kulindeleke axele ibe nye kwezi zinikiweyo (1)
- 1.12 Impendulo ixhomekeke kumfundi siqaphele u-Ewe no-Hayi akanikwa nqaku  
xa engazixhasanga.  
Omnye angathi Ewe xa bengekho abantu awuyonwabeli imali yakho√√  
Omnye angathi Hayi. Andidingi bantu kuba abantu bayasokolisa imali kuye  
yinto yonke√√.  
Nayiphi impendulo eza nomfundi esemxholweni iya kwamkeleka. (2)
- 1.13 Sixelelwa ngokubaluleka koncumo √/ uncumo lubalulekile√ (1)

**[20]**

- 1.14 Umntu olibhinqa√ /ongumama√ / ongusisi√ / umntu ongumama osinekileyo√/  
umntu olibhinqa√/ ongumama oqumbileyo√ / umntu olibhinqa / ongumama  
odikiweyo√  
[Nayiphi impendulo kwezi] (1)
- 1.15 Uva kakubi kuba udikiwe √√ / usinekile√√/ uqumbile√√/ unyevule √√  
[Nayiphi impendulo kwezi] (2)
- 1.16 Zhlukile kuba esokuqala sithetha ngoncumo /ngokubaluleka koncumo esi  
siveza okanye sibonisa umntu oqumbileyo.√√ (2)
- [5]

**AMANQAKU ECANDELO A: 25**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Isishwankathelo masikorekishwe ngolu hlobo lulandelayo:

- **Ulwabiwo – lwamanqaku**
  - Amanqaku asi- 7 ngeengongoma ezisi- 7
  - Amanqaku ama- 3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzisa amazwi abo:**
  - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1
  - 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama -2
  - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama -3
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo naxa becaphule:**
  - 1–3 amanqaku acatshulweyo nama 3- ukuya - 4 amanqaku anikwe ngumlingwa ngamazwi akhe: Nika amanqaku ama - 3
  - 4–5 amanqaku acatshulweyo nama- 3 ukuya – 2 anikwe ngumlingwa ngamazwi akhe. Nika amanqaku ama-2.
  - 6 amanqaku acatshulweyo nenqaku elinye elinikwe ngumlingwa ngamazwi akhe: Nika inqaku eli -1
  - 7 amanqaku acatshulweyo: Akukho manqaku anikwayo.

### QAPHELA

- **Imo:**  
**Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.**
- **Ubalo – magama**
  - Abavavanyi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama – 5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

|    | <b>INGONGOMA ECATSHULWEYO</b>  | <b>INGONGOMA EPHAMBILI</b>   |
|----|--|--|
| 1. | Ikhaya kulapho umntwana alulekwa khona asukwe okwesikhumba senkomo.  | Ikhaya kulapho umntwana afumana khona ingqeqesho akwazi okulungileyo nokungalunganga.        |
| 2. | Ikhaya asiyonto inye nomzi kwaye kukho umahluko phakathi kokwakha ikhaya. Izinto zokwakha umzi zininzi yaye umzi uyakhiwa bahlawulwe abakhi bayokwakha kwenye indawo.        | Ikhaya nomzi asinto ifanayo, umzi uyakhiwa bawushiye abakhi.                                 |
| 3. | Kulapho abantwana bomzi bangena ngemizimba ekhululekileyo. Oku kukhululeka kwabantwana kuzalwa sisiqinisekiso sokuba xa bengene kulo mqolomba wobakhusela kwizinto ezininzi. | Abantwana kwikhaya labo bangena bengabambanga mizimba kuba bayazi ukuba bakhuselekile        |
| 4. | Kweli khaya wonke umntu unesabelo sakhe. Umntwana angavinjwa ukutya komnye umzi kodwa kokwabo unelungelo lokuphakelwa.   | Bonke abantwana banendawo yabo nokutya kwabo kwikhaya labo.                                  |
| 5. | Kulapho abantwana bahluthayo nokuba sekuhlutshekiwe  | Abantwana bekhaya bayonwaba kwikhaya labo nokuba iimeko azintlanga.                          |
| 6. | Abantwana xa besekhayeni lokwenene abanaxhala lokukhangeleka behlelelekile. Umntwana ogugelweyo uyombulelwa ngabanye.  | Abantwana bekhaya bayaphana iimpahla ukuze kungabikho mtwana ungenanto                       |
| 7. | Ubukhaya abupheleli nje kuphela kubantu abahlala kulo kanti nezibhadu-bhadu zihamba zifumane ukuzalwa kweli khaya.   | Ikhaya alamkeli kuphela abantu abahlala kulo kodwa lamkela nabo bangenazo iindawo zokuhlala. |

**AMANQAKU ECANDELO B: 10/2= 5****ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI****UMBUZO 3**

- 3.1 Yivenkile ✓/ siSpaza ✓/ Emabheleni Cash Store ✓  
[Nayiphi impendulo kwezi] (1)
- 3.2 Ngenani ✓ kunye no zifumanele ✓ (2)
- 3.3 Kumntu wonke ofuna ukuthenga ukutya kwasendlini ✓ nakwabo banonomyayi / iifowuni bafuna ukuthenga umoya ✓ (2)
- 3.4 Enzelwe ukutsala abathengi ✓✓/ ukutsala umdla wabathengi ✓✓  
[Nayiphi impendulo kwezi] (2)
- 3.5 B ✓ / umntu ofike kuqala nguye ofumana izinto ✓  
[Nayiphi impendulo kwezi] (1)

- 3.6 Zange akho amaxabiso aphantsi ngolu hlobo.√√ (2)
- 3.7 Isetyenziselwe ukubonisa abathengi ezi zinto zithengiswa kule venkile √√ (2)
- 3.8 Abantu bayaselwa izinto abazithengileyo√ (1)
- 3.9 Ngeposi No5 Mazulwini Street, Kasie Town 4400 √ / Ngomnxeba 048-2391000 √ / emayile mabheleni@gmail.com√  
Naziphi ezimbini ezinokuza nomfundi. (1 x 2) = (2)  
**[15]**

#### UMBUZO 4

- 4.1 Intombi eyayingaphakamisanga qwakuqwaku.√√ (2)
- 4.2 a) Inzwakazi – Isini sobukhomokazi √ / Isikhomokazi √ (1)  
b) Umfana – ubutsha√ /ubuncinane ngokuzalwa√ (1)
- 4.3 Isityebi √√/ Isinhanha √√  
[Nayiphi impendulo kwezi] (2)
- 4.4 4.4.1 Ende - isiphawuli√  
4.4.2 Omnye – Isiphawuli √  
4.4.3 Wegolide – Isimnini √  
(naziphi ezimbini ezichongwe ngumfundi kwezi wanika nodidi lwesichazi) (2 x 2) = (4)
- 4.5 Iqhwanyazile kwakanye imesidisi √√ / iqhwanyaze kwakanye imesidisi√  
[Nayiphi impendulo kwezi] (2)
- 4.6 Umqhubi uthe√ nalo ikhadi lakhe√ lomsebenzi linazo zonke iinkcukacha zakhe√. Umnika inqaku umfundi ngokususa iimpawu zocaphulo√. (4)

**[16]**

**UMBUZO 5**

- 5.1 C ✓ / Isifanekisozwi✓ (1)
- 5.2 E ✓ / Isihlomelo✓ (1)
- 5.3 B ✓ / Isifaniso✓ (1)
- 5.4 A ✓ / Isihlanganisi✓ (1)
- 5.5 D ✓ / Isimnini✓ (1)

**[5]****UMBUZO 6**

- 6.1 Unolunya ✓/ unekratshi✓ (1)
- 6.2 Lokuqondisa✓ (1)
- 6.3 Yena ✓✓ (2)

**[4]**

**AMANQAKU ECANDELO B (40÷2): 20**  
**AMANQAKU EWONKE: 50**